



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2015

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1
MEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha asi-9.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo- EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhooywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise IsiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

ISICATSHULWA A

- 1.1 NguNoziqhamo ✓ (1)
- 1.2 Kukucholachola iindaba elungiselela usasazo lweendaba kunomathotholo nakumabonakude✓/kukucholachola iindaba elungiselela ubhalo lwamaphepha-ndaba neemagazini. ✓
(nayiphi na kwezi) (1)
- 1.3 Wayemana ebhodla utywala ✓✓ (2)
- 1.4 Wayeligqwetha ✓ (1)
- 1.5 Ngale mini kwakuza kuxhonywa uBantu ✓ / Kwakuza kubulawa uBantu ngokuxhonywa. ✓
(nayiphi na kwezi) (1)
- 1.6 Luchasaniso ✓✓ (2)
- 1.7 Bubuxoki ✓
'Balifumana njalo ixesha lokuya kukhe bahlangane namanzi ooNoziqhamo.' ✓ (1)
- 1.8 Kukuba yayishushu ✓/yayinxilile ✓/yayisele utywala ✓/yayiqhuba amatakane. ✓
(nayiphi na kwezi) (1)
- 1.9 Waphazanyiswa kukukhala kwefowuni ✓/ ukukhala komnxeba ✓
(nayiphi na kwezi) (1)
- 1.10 B. Wacothoza ✓✓/ B ✓✓/ wacothoza ✓✓ (2)
- 1.11 Ludaba lokukhululwa kukaBantu ✓/ Ludaba lokurhoxiswa kokuxhonywa kukaBantu. ✓
(nayiphi na kwezi) (1)
- 1.12 Yintswahla/✓ukulenyenza kweekhamera ✓
(nayiphi na kwezi) (1)
- 1.13 Umingi-mingi ✓✓/ amarhe ✓✓/ bahletyelwa ✓✓
(nayiphi na kwezi) (2)

- 1.14 Zazingamlindelanga ukuba usaphila kuba zaziqinisekile ukuba ziwenze ngokukuko umsebenzi wazo ngoku sele exhonyiwe. √√
(Naluphi uluvo lomfundi olunomhluzi) (2)
- 1.15 Wazifaka wonke ngentloko esifubeni √ / Walala esifubeni sikaBantu. √
Indoda izibulele ngokuzintywilisela emlanjeni. √
(Nasiphi na isivakalisi esiza nomfundi esibonakalisa ukufaka/ ukutshonisa emanzini) (2)

ISICATSHULWA B

- 1.16 1.16.1 Ewe sonwabile kuba sigonene. √ (1)
- 1.16.2 Yahlukile: Kumfanekiso A bakhangeleka bethandana bonwabile √ kanti kumfanekiso B sibona umntu olilayo. √ (2)
- 1.16.3 Umfanekiso A unxulumana nokwakusenzeka ngethuba uNoziqhamo adibana noBantu emva kokuphuma kwakhe entolongweni/emva kokusinda kwakhe ekuxhonyweni. √
Umfanekiso B unxulumana nokulila kukaNoziqhamo xa wayesemotweni eyayisiya kwaNgalo. √ (2)
- 1.16.4 Ewe, Ndandibethwe ngumama √√/ Ndandiswelekelwe √√
(Naluphi na uluvo lomfundi oluvakalayo.) (2)
- 1.16.5 Aba babini bayathandana √√/ Esi sibini sigonene. √√
(Nasiphi na isivakalisi esibonisa eso senzo) (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
 - 6-7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
 - 1-5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

QAPHELA

- **Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- ❖ **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwini eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
 - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

	UCAPHULO		IINGONGOMA
1.	Umbulelo lo ubaluleke ukususela emntwaneni, kumntu omdala de kuye kuqhina kwizilwanyana zembala. Umbulelo yindlela ethi ibonakalise ukutyhila imvakalelo kulowo othe wamenzela isenzo esithi sibangele incamisa mxhelo.	1.	Ukubulela kwakubalulekile kudala ebantwini nakwizilwanyana ukubonisa ukuvuyela into entle oyenzelweyo. ✓
2.	Abantu abaye bakhweliswe ezimotweni ngabantu beemoto, maxa wambi kuye kube nzima kubo ukuthi enkosi kuba umntu esithi akukho mfuneko yakuthi enkosi xa sele emhlawule nemali kakade.	2.	Abantu abancedwa ngokukhweliswa emotweni ababuleli kuba besithi babhatele. ✓
3.	Abanye bade bayenze isinyanzelo into yokukhweliswa emotweni yomntu ingabi siso nesicelo, ukuba bathe bangakhweliswa bathethe iilwimi ngeelwimi.	3.	Bade ngamanye amaxesha banyanzelise ukukhweliswa ze baqumbe bakungakhweliswa. ✓
4.	Ekuhlaleni kwabantu abameleneyo apho ummelwane esenza okuhle ngokumjongela umzi, abantwana nemfuyo ingebiwa ngamasela ngelixa engekho kodwa abuye loo mmelwane athule athi tu.	4.	Ummelwane uyalibala ukubulela akuncedwa ngomnye ngokumenzela izinto ngexesha angekhoyo. ✓
5.	Unzima u-enkosi kwinkedama ehlangulwe entlungwini. Uye athi umntu onemfobe akuyithatha ayambese, ayifundise iphumelele, isuke ibe lolona tshaba lwakhe lokuqala nolokugqibela endaweni yokubulela. Lo Msamariya uncame izinto zakhe ezinamagama elungiselela yona ukuze ingahleleleki ebantwini.	5.	Inkedama encedwe ngulowo obeyisizela ithi yakuphumelela ibe lutshaba lwalowo uyincedileyo ilibale ukuba umncedi ubeyeke ezakhe iingxaki. ✓
6.	Inja le inikwa ukutya yonke imihla, inesitya sayo sokutyela oku kutya kuthengwayo kodwa iyakwazi ukuthi yakukhululwa entanjeni ivungame igragrama akuyigxotha umniniyo.	6.	Nezilwanyana ezizizinja ziyalulibala uncedo lokondliwa ngumniniyo suke ifune ukumluma akuyigxotha. ✓
7.	Ingathi noko ngesithatha inyathelo elitsha lokuphuthuma isintu sethu sibonise nezinye iintlanga ukuba thina sifudula singabantu ababesaziwa ngesintu esichubekileyo.	7.	Abantu mababuyele kundalashe babonise umbulelo nobuntu ukuze nezinye izizwe zikope kubo. ✓

UKUBHALA NGOKOMHLATHI

Ukubulela kwakubalulekile kudala ebantwini nakwizilwanyana ukubonisa ukuvuyela into entle oyenzelweyo. Abantu abancedwa ngokukhweliswa emotweni ababuleli kuba besithi babhatele. Ngamanye amaxesha banyanzelisa ukukhweliswa ze baqumbe bakungakhweliswa. Ummelwane uyalibala ukubulela akuncedwa ngomnye ngokumenzela izinto ngexesha angekhoyo. Inkedama encedwe ngulowo obeyisizela ithi yakuphumelela ibe lutshaba lwalowo uyincedileyo ilibale ukuba umncedi ubeyeke ezakhe iingxaki. Nezilwanyana ezizizinja ziyalulibala uncedo lokondliwa ngumniniyo suke ifune ukumluma akuyigxotha. Abantu mababuyele kundalashi babonise umbulelo nobuntu ukuze nezinye izizwe zikope.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UKUMAKISHA ICANDELO C**

- Upelo
 - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
 - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
 - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

■

UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

- 3.1 Yimveliso yakwaClere. √ (1)
- 3.2 Nevenkile yakwaBoxer. √ (1)
- 3.3 Yimagazini iBona √ (1)
- 3.4 Kubatshati √
'KUTHENI UFANELE UKUZUZA UMTSHATO WAMAPHUPHA AKHO.' √ (1)
- 3.5 Yile yesibini √/ yile ibhalwe 'for him' √/yile ikwisandla sokunene √/yile ingenabuso benenekazi. √
(nayiphi na kwezi) (1)
- 3.6 Ewe, kuba ulusu lwabo lukhangeleka lugudile √/kuba ulusu lwabo luhle √/
kuba ulusu lwabo lumpuluswa √
(nayiphi na kwezi) (1)
- 3.7 A. Iindonga ziwelene. √√ (2)
- 3.8 **Ewe**, abo batshatayo kuzo zonke iindawo efumaneka kuzo le magazine nale venkile bangangenela kuba benethemba lokuphumelela. √√
Hayi, kuba kule mihla siphila kuyo sele inqabile imitshato emhlophe. √√
(Naluphi uluvo oluza nomfundi oluvakalayo) (2)

[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

- 4.1 Ufumana iinkomo. √ (1)
- 4.2 Lilungelo lokuzikhethela umyeni √/lilungelo lokuzikhethela undofanaye √/lilungelo lokutshatela kulowo umthandayo. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.3 Lilungelo lokufumana imfundo esemgangathweni √/lelokukhuselwa √/
Lelokuthandwa √/lelokuhlala kakuhle kumakhaya akwimeko esemgangathweni √.
(Naliphi elinye ilungelo lomntwana) (1)
- 4.4 Abanye basagcine amasiko ngenxa yala mazwi athi ‘Sikhule kunjalo nathi mabaye ekwendeni’, √ ngelixa abanye bebonakala ukuba ngabeli xesha kuba bathi ‘Sifuna abantwana bethu bafunde’ √ (2)
- 4.5 Umzabalazi uthi **bakhule** √ kunjalo **nabo** √ mabaye ekwendeni. √√ (2)
- 4.6 Sikhula √ kunjalo √ nathi, mabaye ekwendeni.
(Naluphi uluvo olunomhluzi) (2)

[10]**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

- 5.1 Igugu √/ iqhayiya √
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.2 Sisimelabizo sokwalatha, √/ sisimelabizo sokukhomba √/sisikhombisi. √ (1)
- 5.3 B √/ B. Beza ngobuninzi babo √/ Beza ngobuninzi babo √ (1)
- 5.4 EyeSilimela. √ (1)
- 5.5 Lisetyenziswe landulela/lakhokhela/phambi kwesibizo. √ (1)
- 5.6 Libonisa ukuba ubeqhuba kanjani √/ ubunjani √ (1)
- 5.7 Umakhulu wenzela umzukulwana intsomi. √√ (Isenzela)/ Umakhulu wenzisa umzukulwana intsomi. √√ (Isenzisa)
(Nayiphi na kwezi) (2)

- | | | | |
|-----|----------------------|--------------------------------------|-----|
| 5.8 | Igatyela iyintloko | Uyise kaNontando walila emzini wakhe | (2) |
| | Igatyela elayamileyo | Xa ebona loo ngingiya | |

[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70